



# FACULTY OF HEALTH SCIENCES

## ISISEKELO-MGAQO KWENZULULWAZI YEZEMPILO YEFAKHALTHI



### INTSHAYELELO

UMzantsi Afrika usuka kumashumi ngamashumi eminyaka yocalu-calulo ngokwendlela yeyantlukwano ethe yachaphazela zonke iimeko zoluntu. Oko kwahluka, kuquka necandelo lezempilo, nokuthe kwabangela ubunzulu kokungalingani kwabemi ngokwezempilo. Owona mongo ekubuyiseleni abemi bo-Mzantsi Afrika, kukujongwa nokuphuhlisa kwamalungelo abantu ngokubhekiselele kwisidima sabantu nokupheliswa kokungalingani.

Nangona kuye kwabakho imizamo ebonakalayo ethatyathwe ngabaqeshwa, ngabafundi kunye neliziko lemfundo ekulweni kokungalingani kocalu-calulo, iDyunivesithi yaseKapa (UCT) nayo ayikhange ibebucala kwezobuhlanga, ekwahluleni, ngesini kunye nezinye iinqubo neendlela zeyantlukwano, nasekusingeleni phantsi amalungelo oluntu, ngaphantsi kwenqubo yocalu-calulo. Nangona I UCT izamana notshintsho, kusekhona ezinye iinqubo zeyantlukwano zakudala esajongene nazo.

Ekulweni nezinqubo zakudala zocalu-calulo, kunye nezinye iindlela zeyantlukwano, elicandelo lenzululwazi yezempilo eUCT, luqulunqe esisisekelo-mgaqo, njengentsuselo yotshintsho, kweliziko, ukuze kuphuculwe isithethe se Fakhalthi, ekuqinisekiseni kokupheliswa kweyantlukwano, ukwenzela abafundi nabasebenzi bavuleleke, phantsi kweemeko, apho bazakukwazi ukuzibonakalisa kwezo zinto basenakho ukuzifakelela ukuze badlale eyona ndima kwicala lezempilo apha kwiFakhalthi.

### IZISEKELO MGAQO

**UKUNGACALULANI** IFakhalthi ayisayi kunyamezela naluphi na uhlobo localulo olungalunganga, kwaye izakuphakamisela phezulu okujolisene nomgaqo wokuphelisa iyantlukwano.

**ISITHETHE NGOKWENKXASO** IDyunivesithi izakujolisa phezulu ngenkxaso yokusekela kwisithethe sokulingana, nalapho kwahlukwe khona, ukuze kubekho intlonipho, kusenzelwa ukuba kukhuthazwe abafundi kunye nabasebenzi ukwenzela bafikelele kwiindima abakwazi ukuzifakelela kwizinto abazenzayo, ekufundeni nasekusebenzeni kwabo, ekufundiseni, ekuphandweni kolwazi kunye nasekusebenzeni kwabo kwi Fakhalthi.

**UKWANDISA UMONGO** IFakhalthi izakujolisa ekuphuhliseni ubuchule kubasebenzi, incedise ekwakheni isisekelo sobuchule base Mzantsi Afrika, ingakumbi kwabo bebesakuba ngaphantsi, ngokuthi ithabathe amanyathelo okulungiselela, isebenzisa oko inakho.

**UKULINGANA NGOKWEZENGQESHO** IFakhalthi izakwenza iinzame zokutsala, nokugcina iitalente zabamnyama, abafundileyo, ngokuthi yamkele abakwaziyo ukukwenza, yamkele ubuchule babo, ikwalungiselela neemeko zolwamkelo nenkxaso.

**UPHANDO-LWAZI** IFakhalthi izakuzimisela ngakumbi ekuphakamiseleni phezulu indlela yokuziphatha, ngokwezinga lophando – lwazi, isenzela ekuqinisekiseni inzuzo yabemi bo-Mzantsi Afrika.

**IINKONZO** IFakhalthi izakuqwalasela ukuqinisekisa ukuba abafundi kunye nabasebenzi baphakamisela phezulu, kwaye banikezela ngezona nkonzo ziphakamileyo eluntwini, kukwabandakanya ukuzimisela okujolise kweyona migaqo yokuziphatha kunye namalungelo oluntu.

**UNXIBELELWANO** IFakhalthi izakuzimisela ekuqinisekiseni unxibelelwano phakathi kwabafundi, nabasabeni malunga notshintsho lwemigaqo echaphazela bona, enokuthatyathwa, ijolise ekubonakaliseni ukuvuleleka kweenqubo zayo.

**INGQWALASELA KUNYE NOJONGISISO** IFakhalthi izakwenza iinzame zokujongisisana nendlela eqhuba ngayo ekufezekisweni kwalo mgaqo siseko.

**ULUNGISELELO NGOKWEZEMFUNDO** IFakalithi izakuzimisela ekuphakamiseleni phezulu, kwaye ikhuthaze elonazinga liphezulu lokufundisa, kananjalo iveze iimeko ezilungele ekufundiseni abafundi bonke.

**INDIMA YOLUNTU** IFakalithi izakuqinisekisa ukuba uluntu ludlala indima ekuthatyathweni kwezigqibo, ngomoya ojolise kowona mgangatho usekuqaleni ngokwenkqubo yokukhathalela ezempilo, ngokuthi iyithabathe njengeyona ndima ikhokheleyo.

